Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

Province of the EASTERN CAPE EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2020

ÉcoleBooks

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1

**AMANQAKU:** **80**

**IXESHA:** **2 iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO ngalinye.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-50 |

ÉcoleBooks

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA A

1.1 Fundisisa esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**IBHAYIBHILE**

1 Kuhle ukuba khe siqwalasele le ncwadi iyibhayibhile, abantu abaninzi bayibiza ngokuba ingumlomo obomvu abanye bathi ngumqulu weendaba zokholo. Iyincwadi esisixhobo sokufundisa umlisela nomthinjana welizwe lethu, ukuze ukhaliphe ube nobulumko bokuphila ubomi emhlabeni. Kuyo kukho itestamente endala eneencwadi ezingamashumi amathathu anesithoba kunye netestamente entsha eneencwadi ezingamashumi amabini anesixhenxe. Incwadi yokuqala ebhayibhileni yiGenesis echazwa njengencwadi yendalo, ze incwadi yokugqibela ibe yile ibizwa iziTyhilelo, incwadi engesiphelo sobomi. Ikhaya ngalinye kufuneka lifundise ngenkolo yobuKrestu kuba phantse lonke ilizwe libabaza ukubaluleka kokukhonza uBawo wethu osemazulwini, uMdali wezulu nomhlaba.

2 Asinakuthetha ngebhayibhile singakhange sidibanise neLizwi leNkosi eliqulathwe kuyo. Liyindlela, libubomi, likukutya sakulamba, libubomi xa sifayo zitsho iimbongi zecawa. Ilizwi leNkosi lilibali losindiso, ibali lokuhlangulwa komntu ekufeni. Lilibali lesiqalo sehlabathi kwanesiphelo sehlabathi. Imvelaphi yomntu kunye nendalo yehlabathi icaciswe kakuhle kwiGenesis. Ukuba ubani unokuqalisa ukufunda le ncwadi ekuqaleni athi chu nayo ngexesha lokuphila kwakhe angavuna lukhulu, ade abe uyazuzeka gxebe uyafumaneka angene tshwa ekwenzeni okulungileyo akholise uMdali wakhe. Ngubani uMdali wakho kanene? ngabazali bakho, umama notata okanye umntu okukhulisayo.

3 Inyaniso ngebhayibhile isekubeni ijongene neemeko zethu zale mihla naxa yona yabhalwa kudala, kwisithuba samakhulukhulu eminyaka eyadlulayo. Nayiphina enye incwadi ethetha ngeLizwi asiyamkeli ukuba ichasene nemfundiso yebhayibhile. Ukuba ibingekho le khampasi yokusibonisa indlela ngesingazazi nokuba sindawoni na. Kubethelelwa into yokuba abantu mabaphile ubomi ubububo bekhokelwa yile ncwadi, khon'ukuze bangazukwazi ukothuka nokungamelani nobomi xa butshintsha. Masizixhobise ngesi sixhobo size sikwazi ukumelana nobomi.

4 Yile ncwadi esilumkisa ngobuqhophololo bukasathana nangobuthathaka bomntu, ikwa yile ncwadi esixelela ngendlela esangena ngayo isono kunye nokufa. Ikwasixelela ngezigwinta zokuqala ehlabathini nangeziqhamo ezibi zekhwele nezomona. Kwalapha sixelelwa ngokuzeka kade umsindo koMdali. UBawo ulungile ngamaxesha onke ngakumbi xa uzazi iindlela zaKhe. Wonwaba kuye kukubi ngenxa yethemba lokuba le meko imbi iyedlula, ayisayi kuhlala unaphakade.

5 Imbali yokholo nomonde kaYobhi isisifundo esikhulu. UYobhi owayemthembile uYehova esenza konke okulungileyo waye wafumana ubunzima ebomini. Watshatyalelwa yimfuyo, waba nezifo namathumba wade wabhujelwa ngabantwana kodwa zange ayilahle iNkosi yakhe. Sifundiswa ngokukholelwa nokuthandaza uYehova ngawo onke amaxesha. Xa ukholwa kuMdali nokuba sekukubi kuwe ngenxa yokholo loo meko iyedlula. Sikubonile ukungakholwa komntu kuTomas, sasibona isiphelo sokuxoka kuHananiya. Simbonile uAhabhi owasebenzisa amagunya akhe efuna ngenkani isitiya sikaNabhoti, siyibonile nenkohliso kuHerode esithi ufuna ukuqubuda eNkosini kanti ufuna umphefumlo wayo. Le nto isibonisa ukuba asingabo bonke abantu abayilandelayo iNkosi abenza kakuhle. Uninzi luthi Nkosi! Nkosi! kanti lujonge kwasathana.

6 Uninzi lweencwadi zeengqondi kunzima kakhulu ukuba zilandeleke, kodwa yona ibhayibhile kulula ukuyilandela. Inezihloko ezimnandi nezoyikekayo kodwa zonke zichaza indlela ekumele ihanjwa ngumntu ophilayo. Naso ke isizathu esibangela ukuba kwikhaya ngalinye, nokuba liphantsi kangakanani na, ufika ukho lo mqulu. Ezicaweni kusetyenziswa yona ukwakha iintsapho ngomoya wevangeli. Nathi ke masikhuthazeke senze njalo ukuyikhonza iNkosi. Sazi ukuba yonke into inexesha layo phantsi kwelanga.

[Sithatyathwe kwincwadi, *Ugeme* ka P.T. Mtuze no H. Mjamba: Iphepha le 15–16 saze sahlelwa]



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**Jonga kumhlathi wokuqala.**

1.1.1 Nika igama lencwadi ekuthethwa ngayo kumqolo wokuqala. (1)

1.1.2 Eli gama lithi 'umlisela nomthinjana' linentsingiselo enye neli. Khetha kula magama alandelayo:

A Abantwana.
B Amantombazana.
C Ulutsha.
D Amakhwenkwe. (1)

1.1.3 Chaza indlela abayibiza ngayo abantu ibhayibhile ngokwalo mhlathi. (2)

1.1.4 Uyahlula njani itestamente entsha kwendala? (2)

**Jonga kumhlathi wesibini.**

1.1.5 Chaza iziphumo zibe ZIBINI zelizwi leNkosi njengoko zisitsho iimbongi zecawa. (2)

1.1.6 Kutheni umbhali esithi asinakuthetha ngeBhayibhile ngaphandle kweLizwi leNkosi? (2)

1.1.7 YINYANISO okanye BUBUXOKI: Zonke iimbongi zecawa zineLizwi leNkosi. (1)

ÉcoleBooks

**Jonga kumhlathi wesithathu.**

1.1.8 Cacisa okuthethwa ligama elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi.
... **asiyamkeli** ... (1)

1.1.9 Tyhila injongo yokusetyenziswa kweli gama 'ikhampasi' njengoko lisetyenzisiwe kulo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesine.**

1.1.10 Bhala umzekelo ube MNYE wesiqhamo sobubi. (1)

1.1.11 Siphuhlisa ntoni isakhi u 'ikwa' esikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi? (2)

**Jonga kumhlathi wesihlanu**.

1.1.12 Bonisa ukuchasana kwebali likaYobhi nelikaHerode. (2)

1.1.13 Tyumba igama elithetha into enye neli lithi 'igadi'. (1)

**Jonga kumhlathi wesithandathu**.

1.1.14 Sebenzisa eli gama: ***ukwakha*** linike enye intsingiselo kunale ikulo mhlathi. (2)

1.1.15 Tshatisa inkcazelo ekuKHOLAM A kunye negama elikuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| 1. Ezicaweni kusetyenziswa yona ukwakha usapho ngomoya wevangeli. | (a) Ingxaki. |
| 2. Uninzi lweencwadi zeengqondi kunzima kakhulu ukuba zilandeleke | (b) Isiphumo. |
| | (c) Umyalezo. |

(2 x 1) (2)

ÉcoleBooks




DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 **KUMNANDI UKUKHONZA**




[Ithatyathwe *ku-www.googlepics.org*]

1.2.1 Xela zibeMBINI izinto abafana ngazo abantu abasemfanekisweni. (2)

1.2.2 Isimboli ebhalwe ebhayibhileni ibonisa: Khetha kwezi zilandelayo.

A Umnqwazi.
B Umnqayi.
C Umqamlezo.
D Umnqamlezo. (1)

1.2.3 Nika igama lethambo elimhlophe elisentanyeni yesi sibini sisemfanekisweni. (1)

1.2.4 Ingaba bukhona ubudlelwane phakathi kwencwadi kunye nabantu abasemfanekisweni. Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule usishwankathele uchaze izinto ekumele sizigcine engqondweni xa sisonwabela ikhrisimesi. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela.

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma 60–70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi wakho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

### ISICATSHULWA C

**IZINDLU ZANGASESE**

Minyaka le umasipala uye alumkise uluntu ngeendlela ezizizo zokusebenzisa izindlu zangasese. Uninzi lwabantu luyazilandela ezi ndlela kuba befuna ucoceko kunye nempilo kwiindawo zabo. Abanye bavala iindlebe zabo zivuliwe kuba abanalo ixesha lempilo nexesha lokuzikhusela. Nazi iindlela umntu ekufuneka azigcine engqondweni ngalo lonke ixesha.

Gcina ithobi nocango luvaliwe emva kokusebenzisa indlu yangasese. Loo nto ibonisa indlela ozixabise ngayo kunye nendalo. Musa ukulahla phantsi amaphepha endlwini yangasese, yingcine icocekile, kuba ucoceko yimpilo. Sebenzisa iphepha okanye iphetshana elibekelwe le meko hayi isandla sakho, khumbula ukuba isandla sakho sesi uza kusisebenzisa xa usitya. Xa usenza njalo ukhusela iintsholongwane emzimbeni wakho.

Hlamba izandla ngesepha xa uphuma kwindlu yangasese. Sukugalela amatye, iiplastiki kunye nenkunkuma kwindlu yangasese. Xa indlu yangasese iqala ukuba nevumba, galela uthuthu kangange nkonkxa ugqume kuba ivumba lingcolisa umoya esiwuphefumlayo lenze kunuke.

Qinisekisa ukuba iventileyitha ivaliwe ngamaxesha onke. Gcina isiciko seventileyitha sivaliwe ngamaxesha onke. Musa ukutyela endlini yangasese kuba loo nto iyakudala amathuba ezifo kunye nokugula. Musa ukulahla ezinye iintlobo zenkunkuma emgodini wendlu yangasese, umzekelo iitoti, iiplastiki, amachiza okanye iiblitshi.

Umgodi wenzelwe kuphela ukulahla ilindle, kwaye uyindawo ekhuselekileyo. Ngalo lonke ixesha ungaphakathi kwindlu yangasese zama ukuyishiya icocekile. Umntu owenza kakuhle ebominini usisibane esikhanyisela nabanye ukuba benze njalo. Umntu ngumntu ngabantu, masincedisane noomasipala bethu ngokuthi sigcine izindlu zangasese zicocekile.

[Sicatshulwe kwimigodi yakwa *Amathole Distict Municipality* saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

### ISIBHENGEZO-NTENGISO.

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA D

**Abantwana bayivuzel' izincwe abaziva iintambo ngayo *bangumtya nethunga* nesi siselo.**




[Sithatyathwe *kunesquik.com* saze sahlelwa]

3.1 Nika igama lemveliso ethengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.2 Lithini igama lenkampani evelisa le mveliso? (1)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Ibinzana 'bayivuzel' izincwe' elikwisibhengezo-ntengiso lithetha:

A Bayayithanda.
B Bayayithenga.
C Bayayibawela.
D Bayayitya. (1)

3.4 Chonga ibinzana elibonisa isigqebelo kule ntengiso. (1)

3.5 Xela zibe zibini izakha mzimba ozifumana kule mveliso. (2)

3.6 Ungasebenzisa eliphi iqonga xa ufuna ukuqhagamshelana nale nkampani? (2)

3.7 Ingaba ulwimi olukhapha esi sibhengezo luyixhasa ngokupheleleyo le mveliso? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

## UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

ISAKHELO 1 ISAKHELO 2 ISAKHELO 3 ISAKHELO 4




[Ithatyathwe *ku-www.comicstrip.com* yaze yahlelwa]

4.1 Bakweyiphi indawo aba bakule khathuni? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2 Bhala imo ende yeli gama likwisakhelo 1 'sungxola'. (1)

4.3 Liphuhlisa ntoni igama elikwisakhelo 1 elithi 'Lumka'? (1)

4.4 Tyumba igama lemboleko elisetyenziswe kwisakhelo-2. (1)

4.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Uvakalelo lwesithethi kwisakhelo sesi-2 lubonisa:

A Ukonwaba.
B Ukuvuya.
C Ukuthanda.
D Ukucaphuka. (1)

4.6 Phawula ngomahluko okudaba lwamehlo olukwisithethi kwisakhelo 3 naku 4. (2)

4.7 Ingaba igama 'uxolo' elikwisakhelo 4 liyijikile ithoni yale khathuni? (2)
**[10]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 5

## IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F**

**ESKOM**

Amakhaya mawakhanye nokuba umbane ucimile. Ilanteni sisibane esikhuselekileyo kunekhandlela, kwaye silunge kakhulu. Loo nto ayikhanyisi qha yenza umzi **ufudumale**. Elinye icebo xa umbane umkile sebenzisa izibane zesolar. Zona zisebenzisa ilanga azikuxheshi ngemali. Ayizizo zonke iilanteni ezimelana nemo yezulu, uninzi lwazo zifuna ukufakwa endlwini. Uninzi lwabantu lusebenzisa izibane zegilasi kunye namahlahla emithi ukujingisa iiglobe, izibane ezinemitya kunye neembawula. Kulungile nokusebenzisa izibane zodonga, zona zikusasaza kakuhle ukukhanya.

Xa kucime umbane kubakho umonakalo omkhulu. Izigebenga zenza ulwaphulo mthetho. Zama ukuba kukhanye endlini yakho ngakumbi ebusuku. Ixesha lasebusuku lixesha lobumnyama kuye kwenzeke ububi. Makubekho ukukhanya nokuba sijongene nengxaki kaEskom. Izibane mazisoloko zikufutshane kuthi.

[Sithatyathwe *kwiBona* magazini eyeNkanga 2019 phepha 45 yaze yahlelwa]

5.1.1 Nika isininzi sesi sibizo 'umbane'. (1)

EcoleBooks

5.1.2 Eli gama lithi 'kwaye' liwa kwesiphi isigaba sentetho?

A Isibizo.
B Isikhombisi.
C Isihlanganisi.
D Isimnini. (1)

5.1.3 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili **'ufudumale'**. (2)

5.1.4 Khetha isixando esisetyenziswe kwesi sivakalisi singezantsi uxele nodidi lwaso.

Elinye icebo xa umbane umkile sebenzisa izibane zesolar. (2)

5.1.5 Sebenzisa eli gama 'zikusasaza' libe sisibizo uze usisebenzise kwisivakalisi ngokuchanekileyo. (3)

5.1.6 Chonga isichazi kwesi sivakalisi singezantsi uze uchaze udidi lwaso.

Xa kucime umbane kubakho umonakalo omkhulu. (2)

5.1.7 Nika isichasi seli gama (zikufutshane). (1)

5.1.8 Sebenzisa esi senzi **'kwenzeke'** kwisivakalisi sibe kwixesha elidlulileyo. (1)

5.1.9 Lungisa isiphene sobhalo kwesi sivakalisi singezantsi.

Isibane masisoloko zikhufutshane kuwe. (1)

## 5.2 UMFANEKISO

Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo esekwe kuwo**.**

**ISICATSHULWA G**




[Uthatyathwe *kupics-images.com waze* sahlelwa]

5.2.1 Bhala esi sivakalisi silandelayo ngokuchanekileyo.

Le moto webhaso ndiwine umgrugra. (2)

5.2.2 Guqula esi sivakalisi sibe kwintetho ngqo.

Uthe, le mini iyeza nakuye. (2)

5.2.3 Nika isizathu sokushiywa kweceba kwesi sivakalisi silandelayo.

Le moto iyeza nakuwe. (2)

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM